Isalathiso: 20201007-8585
Inombolo yefayili: 13/16/1/2
Imibuzo: KuBaququzeleli boVavanyo beZithili nakuBacwangcisi beKharityhulam aBakhulu

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweKharityhulam noVavanyo: 0004/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kunye nezikolo zabucala

Isikolo: Ukuphunyezwa kovavanyo lokufunda (*formative assessment*) kwicandelo lemfundo noqeqesho jikelele (*GET*)

1. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke likhuphe iSetyhula yoVavanyo kaZwelonke 03 ka-2020 (isiHlomelo A), yowe-29 Septemba 2020. Le setyhula kazwelonke inika isikhokelo sokuqaliswa kokusetyenziswa kovavanyo lokufunda (*formative assessment*).

2. ISetyhula 03 ka-2020 (isiHlomelo A) inika isikhokelo sokuqaliswa kokusetyenziswa kovavanyo lokufunda ngethuba lenkqubo yokufundisa nokufunda. Kwakhona inenjongo yokuqinisekisa ukuba kukho ukucaca gca nolwazi ekwabelwana ngalo lokuphunyezwa kovavanyo lokufunda.

3. Kuya kulandela isicwangciso sikazwelonke sokunika inkxaso nokuqeqesha amagosa nootitshala ekuqaliseni ukusebenzisa uvavanyo lokufunda nendlela yokusebenzisa idatha yovavanyo lweziphumo zokufunda (*summative data*) ukulungiselela iinjongo zovavanyo lokufunda. Oku kuya kuquka ukukhutshwa kwesikhokelo soqeqesho ekunikwe ingcaciso eneenkcukacha ezingaphezulu ukunika iingcebiso izikolo nakuqeqesho lootitshala.

4. ISebe leMfundo leNtshona Koloni lenze isikhokelo ekunikeni inkxaso imisebenzi katitshala ekuphuculeni uvavanyo lokufunda, kwakunye nesethi yeemifanekiso enengcaciso *(infographics)* enokufunyanwa ngokungena kwi-*ePortal*:

https://wcedeportal.co.za/eresource/138126. Ukunika ingcaciso ngezi zikhokelo kuya kuqala ngo-2021.

5. Uvavanyo lokufunda malubandakanywe kwinkqubo yokufundisa nokufunda. Ukuqokelelwa kobungqina obuveliswe ngokwenziwa kwemisebenzi yokufunda neyovavanyo lokunika ulwazi maluchaphazele ukudlulela phambili ngokupheleleyo (*overall progression*) komfundi ukuya kwibakala elilandelayo.

6. Kucelwa iinqununu ukuba zabelane ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane nabo bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
IBAMBELA SEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-10-13